Yilumkele Imimoya Engendawo!

Imiyalelo: Funda ezi ndinyana kwindawo ongazukuphazanyiswa kuyo. Njengoko ufunda yiba ngathi ulapho nawe. Yiba ngathi uyayibona into eyenzekayo. Beve ngathi bayathetha abantu abalapho. Vakalelwa ngendlela abavakalelwa ngayo abantu abalapho.

❶ ***HLALUTYA ESI SIGANEKO.—FUNDA IGENESIS 6:1-6 NEZENZO 19:11-20.***

Khawuchaze imbonakalo yeeNefili njengoko unomfanekiso ngqondweni wazo.

_____

_____

Ucinga ukuba avakalelwa njani la madoda emva kokuba edibene nalo moya ungendawo, njengoko kuchazwe kwiZenzo 19:13-16?_____

_____

_____

_____

❷ ***PHANDA.***

Usebenzisa iincwadi zokuphanda onazo, zama ukufumana ulwazi olungakumbi ngeeNefili. Ucinga ukuba yintoni eyayizenza zibe nogonyamelo?_____

_____

_____

Kungayiphi indlela ekunokuthiwa imimoya engendawo 'yasuka yayishiya indawo yayo efanelekileyo yokuhlala'? (Funda uYude 6.) Kutheni ucinga ukuba kwakungekho ngokwemvelo—kugqwethekile—ukutshata neentombi zabantu?_____

_____

_____

Ezi ngxelo zimbini uzifundileyo zikuxelela ntoni ngale mimoya ingendawo ithanda isini nogonyamelo?_____

_____

_____

❸ ***ZISEBENZISE IZINTO OZIFUNDILEYO. BHALA IZINTO OZIFUNDILEYO . . .***

Ukukhohlakala nokuzingca kwemimoya engendawo.

EZINYE IINDLELA ONOKUZISEBENZISA NGAZO EZI NGXELO.

Ekubeni le mimoya ingendawo ingenakukwazi ukuzambathisa imizimba yenyama, ziziphi ezinye iindlela ezingangqalanga enokuzama *ukukuphembelela* ngazo?

Ziziphi iindlela zokuzonwabisa nezimo zengqondo ezibonisa izinto enomdla kuzo le mimoya ingendawo?

Ungabonisa njani ukuba uzimisele ukuyixhathisa impembelelo yale mimoya ingendawo? (Phinda ufunde iZenzo 19:18, 19.)

❹ ***ZIZIPHI IINXALENYE ZEZI NGXELO EZIYE ZABANGELA UMDLA GQITHA KUWE, YAYE NGOBA?***

www.jw.org © 2012 Watch Tower Bible and Tract Society of Pennsylvania